

I-lungelo kwezeMpilo

Ukuxhamla kwiinkonzo
zempilo eziziselwa
uluntu

Ukufumana lula
ulwazi oludingayo
ngokwasempilweni

Ukuba ngumnini
wendlu esemgan-
gathweni

Ukuhlala kwindawo
esempilweni

Ukuxhamla
kwizibonelelo
zoluntu

Intshukumo
zolawulo ezizizo,
nezingenamkhethe

Ukuhlonipheka,
ukulingana nobom

Imfundo esisiseko

Inkululeko yomntu
nokhuseleko

Inkululeko yokholo,
unqulo noluvo

Impilo eyiyo
lilungelo
lakho

phakama! • Thetha phandle! • Yenza imigushuzo!

Yintoni amalungelo oluntu?

- Ngamabango onawo kuba ungumntu.
- Akanakuze ohluthwe kuwe.
- Amalungelo akho anokumiselwa umda kuphela xa ephazamisana namalungelo omnye umntu.

Yintoni ilungelo lezempilo

- I-lungelo lempilo lithetha ukuba urhulumente kufuneka athathe amanyathelo ukuqinisekisa ukuba bonke abemi banamathuba alinganayo okuphila ixesha elide nobomi obusempilweni. Oku kubandakanya:
- I-lungelo lokuhlala kwingingqi ekhuselekileyo necocekileyo, enamanzi acocekileyo, indlu esemgangathweni, ukutya okusisondlo esifanelekileyo, isibonelelo sentlalontle nemfundo
- I-lungelo lokulindela nokubanga unyango olululo
- I-lungelo lempilo lelomntu wonke, osisityebi nohluphekileyo, ngaphandle kokucalula.

Kutheni le nto amalungelo oluntu ebalulekile?

- Khonukuze uphile ngesidima nentlonipho
- Ukuze ukwazi ukuhlonela abanye
- Ukuze ubenebango kwiimfuno zakho ezingundoqo
- Ukuxhamla kumalungelo oluntu kubalulekile kuba kukukhusela ekuxhatshazweni nasekucalulweni

Kutheni libalulekile ilungelo lezempilo?

- Ukuba awuphilanga
- Awunakusebenza
- Awunakudlala nabantwana bakho
- Awunakuluncancisa usana wakho
- Awunakulukhathalela usapho lwakho
- Awunakuwaxhamla amanye amalungelo akho. Umzekelo, ukuba uyagula, awunakwazi ukuvota, okanye uye naphi na apho uthanda khona.

Urhulumente waseMzantsi Afrika makahlonele, akhusele kwaye aqinisekise ukuba uyawafumana amalungelo akho ngandlela zonke

KUTHENI LE NTO KUFUNKA URHULUMENTE WASEMZANTSI AFRIKA AHLONELE, AKHUSELE KWAYE APHUMEZE AMALUNGELO ETHU?

UMzantsi Afrika utyikitye:

(1) isiBhengezo samazwe omhlaba ukuze kuxhulwe amalungelo oluntu nesaphehlelelwa ngumbutho Wezizwe Ezimanyeneyo ngomhla we-10 Disemba 1948 eParis. Inamanqaku angama-30 achaza indlela Umbutho weZizwe eziManyeneyo obona esebenza ngayo amalungelo abemi kwizizwe eziyinxalenye yesi sivumelwano,

'Wonke umntu unelungelo lokuphila intlalo esemgangathweni ukuze yena nosapho lwakhe bakhuseleke ngokwasempilweni, ...'

(2) IKomiti yeZizwe eziManyeneyo kumaLungelo ezoQoqosho, eNtlalo naweNkcubeko (ICESCR) (2000), Uluvo olunguNombolo 14, luchaza ukuba

'Impilo lilungelo lomntu wonke kwaye amanye amalungelo axhomekeke ekuphakanyisweni kwalo.. Wonke umntu unelungelo lokuxhamla impilo esemgangathweni ukuze aphile ubomi obuhloniphekileyo.'

Icandelo lama-27 (1) (a) loMgaqo-siseko waseMzantsi Afrika ka-1996 lichaphazela bonke abemi baseMzantsi Afrika kwaye ligxininisa into yokuba iinkundla zamatyala, ipalamente, imibutho yabucala kuquka noluntu kufuneka zihlonele ilungelo lakho.

UMqulu wamaLungelo kuMgaqo-siseko uchaza ukuba:

Wonke umntu unelungelo lokuxhamla kwiinkonzo zempilo, kuquka neenkonzo ezijongene nempilo yoomama...'

nokuba uRhulumente kufuneka

'asebenzise amandla akhe ngokusemthethweni ukuqinisekisa inkqubela yokuphakanyiswa kwelungelo [lempilo]'

uMqulu wamalungelo nawo uthi:

'Wonke umntu unelungelo lokuhlala kwingingqi engenabungozi empilweni yakhe okanye kwintlalo; nokuba le ngingqi kufuneka ibe yekhuselekileyo, ukuze kuxhamle isizukulwana esikhoyo nesizayo, ngokomthetho ofanelekileyo neminye imiqathango...'



Ukuba ufuna ezinye iinkcukacha nceda uqhagamshelane:

The People's Health Movement

Umnxeba: 021 9326042

Ifeksi: 021 9327707

Url: www.phmovementsa.org

Email: PHMsouthafrica@gmail.com

Open Democracy Advice Centre

Physical Address: 6 Spin Street, Cape Town

Telephone: +27 21 467 5673

Fax: +27 21 461 2814

Email: odac@opendemocracy.org.za

1. I-lungelo lokubasempilweni
2. Ukubandakanyeka koluntu nelungelo lokubasempilweni
3. Umqulo yamalungelo esigulane
4. amalungelo omntu ngamnye nawomntu wonke kwimpilo kawonke-wonke
5. Ukufikelela lula kulwazi oludingekayo
6. Amalungelo nokwabiwa kwemithombo yempilo



People's Health Movement



UNIVERSITY OF CAPE TOWN



Oxfam